

UNksz Angie Motshekga
uMphathiswa weMfundo
esisiSeko



UGqir Reginah Mhaule,
uSekela Mphathiswa
weMfundo esisiSeko

Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks, zonyaka wokwamkela abafundi abaqalayo (Grade R), ziyinxalenye yendlela yobuchule yeSebe leMfundo esisiSeko yokunyusa umgangatho wabantwana besikolo baseMzantsi Afrika. Iziphumo zophando zibonisa ukuba kunyaka ngamnye abathi abantwana banikwe amathuba okwenza imisetyenzana ekhuthazayo/enika umdla phambi kokufunda ibanga lokuqala, baqhuba kakuhle ezifundweni zabo kwiminyaka elandelayo – yonke iminyaka yokufunda kumabanga aphantsi nawasesekondari. Kungoko kugxininiswa ngamandla ekufundeni iBanga R.

Ikharityhulamu yesiGaba esisiSeko ifuna abafundi beBanga R banikwe ithuba lokuphuhlisa izakhono zabo zakwangaphambili zokufunda, zokubhala nezokubala kwaye ikwakhankanya izakhono eziyimfuneko ukuze bafumane isiseko semfundo eluqilima ukuze kube lula ukufunda kwibanga lokuqala nakwangaphaya.

Iincwadi zokusebenzela zeBanga R zijolise ekuncedeni abantwana baphuhlise ezi zakhono kunye neengqikelelo ezingundoqo ezifunekayo ukuze babe nesiseko esisiso sokufunda. Ezi ncwadi ziqulethe amathuba okuba aba bantwana baphuhlise kwaye basebenzise izakhono eziya kubalungiselela amabanga alandelayo.

Phambi kokuba abantwana bafunde ukufunda ngokusesikweni, kufuneka bafunde indlela yokubamba nokutyhila incwadi kunjalonje baqonde nendlela esebenza ngayo. Kufuneka baqonde ukuzalana okuphakathi kwemifanekiso namagama asencwadini, baqonde nokuba amagama enziwa zizandi kwaye anentsingiselo. Ngokunjalo, phambi kokuba bafunde ukubhala kufuneka baphuhlise izakhono zabo zokusebenzisa amalungu omzimba, baziqhelise ukwakha iimilo baze baqqibele ngokukwazi ukubhala oonobumba. Ezi zakhono kanye eziza kuphuhliswa zezi ncwadi zokusebenzela.

Siyazi ukuba abantwana bayashiyana ngokuqonda kwaye ezi ncwadi zenza ukuba ootitshala bakwazi ukusebenza ngesantya somfundi ngamnye baze babuye umva okanye baye phambili xa kuyimfuneko ngokwenkqubela yomfundi ngamnye. Imisebenzi ekhoyo iya kunceda ootitshala bakwazi ukuphawula ubunzima obufunyanwa ngabafundi ekufundeni kwabo ukuze baziqwalasele ezo meko phambi kokuba umntwana aqale isikolo ngokusesikweni.

Ezi ncwadi zokusebenzela zihlanganisa ukufundwa kolwimi, izibalo kunye nezakhono zobomi ngemixholo engama-20, zisebenzisa iindlela ezonwabisayo nezisebenzisayo ukuze zibe nokutsala umdla womfundi. Siyathemba ukuba abafundi benu baya kukonwabela ukwenza imisetyenzana ekwezi ncwadi zokusebenzela njengokuba beya bekhula kwaye befunda, nokuba nawe njengotitshala wabo uya kwabelana nabo kolu yolo.




Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street
Pretoria
South Africa
© Department of Basic Education
Eleventh edition 2021

ISBN 978-1-4315-0691-0

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

**This book may not be sold.**

# Ibanga Labaqalayo

**IHLANGANISIWE**
- Ulwimi
- Izibalo
- Izakhono zoBomi

# Incwadi yokusebenzela


1 Okumalunga nam ........ 2
2 Kwigumbi lokufundela ........ 12
3 Umzimba wam ........ 22
4 Ukuphila ubomi obunempilo ........ 32
5 Abahlobo ........ 42




Imiyalelo yemisiko ifumaneka ngasemva encwadini.





**Kutitshala:**
Kufuneka abafundi baziqhelise imisebenzi yabo kuqala phambi kokuba bayibhale kwiincwadi zokusebenzela. Umzekelo:

- Xa kufuneka abafundi babiyele impendulo echanekileyo, mabaqale ngokuphawula impendulo echanekileyo. Emva koko kufuneka baqinisekise kutitshala ukuba ichanekile ngenene na phambi kokuba babhale ezincwadini zabo.
- Xa umsebenzi ufuna bakhuphele, mabasebenzise iminwe yabo kuqala baze balandele ngokubhala.

**Qaphela:** Abafundi bakumanqanaba ohlukeneyo okuqonda. Ukuba unabafundi obaqapheleyo ukuba bafuna ukunikwa ingqalelo eyodwa ukuze baphuhlise izakhono zabo zokubamba, banike ithuba lokuziqhelisa kwiincwadi zabo zokubhala ezinemigca bade bazithembe ngokwaneleyo ukuba babhale ezincwadini zabo zokusebenzela.



ISIXHOSA

Incwadi yoku- 1

Ikota 1

## 1.3




Masibhale


Beka izincamathelisi kwindawo echanekileyo. Emva koko, landela umgca ngomnwe wakho uphinde ulandele ngepenisile.

Beka izincamathelisi kwindawo echanekileyo.


Nceda le nkwenkwe ifumane ibhayisekile yayo.




Nceda le ntombazana ifumane ibhola yayo.




Dibanisa la machokoza uzobe umtya oya kule khayithi.




Qhuba le moto iye esikolweni uze uphinde ubuyele ekhaya.







Ukuze abafundi baqhele, mabaphinde babhale phezu kwemigca amaxesha ambalwa basebenzise imibala eyahlukeneyo.



## 2.2




**Masibhale** Funa iimbuso ezibonisa imvakalelo efanayo naleyo ikumfanekiso wokuqala.





**Masenze** Bajonge phi aba bantwana? Ungakhange ushukumise intloko, hambisa amehlo akho ukuze ujonge kweli cala ijonge ngakulo inkwenkwe.



TEACHER: Sign ____________ Date ____________


## 2.6




Beka izincamathelisi kwindawo echanekileyo.

**Masibhale** Beka izincamathelisi kwiindawo ezifanelekileyo. Wakugqiba landela umgca ngomnwe wakho uze uphinde ngepenisile.


Nceda le nyosi ifumane indlu yayo.




Nceda isele lifumane ichibi.



Nceda intaka ifumane indlwane yayo.



Nceda isikhephe siyokufika esiqithini.






Ukuze abafundi baqhele, mabaphinde babhale phezu kwemigca yabo amaxesha ambalwa basebenzise imibala eyahlukeneyo.

TEACHER: Sign ____________ Date ____________

# 3 Umzimba wam

Masithethe

Jonga umfanekiso uze uthethe ngento eyenziwa ngabantwana.




3.2




Masibhale

Sika uze uncamathelise iingalo nemilenze ukuze ugqibezele lo mfanekiso. Wakugqiba fakela imibala emfanekisweni.










Masicule



Intloko, amagxa,
amadolo neenzwane,
amadolo neenzwane.
Intloko, amagxa,
amadolo neenzwane,
amadolo neenzwane.
Amehlo neendlebe
umlomo nempumlo.
Intloko, amagxa,
amadolo neenzwane,
amadolo neenzwane.



TEACHER: Sign ____________ Date ____________



Masibhale


Beka ezi zincamathelisi kwindawo echanekileyo.
Landela ke ngoku umgca ngomnwe wakho uze emva koko ubhale ngepenisile.

Beka izincamathelisi kwindawo echanekileyo.


Nceda usana lufumane ubherana walo.




Nceda inja ifumane ithambo layo.



Nceda u-Ann afumane incwadi yakhe.




Nceda olu sana lukhasele kumama walo.







Ukuze abafundi baqhele, mabaphinde babhale phezu kwemigca yabo amaxesha ambalwa basebenzise imibala eyahlukeneyo.

## 3.7




Masenze Linganisa aba bantwana.

| | | | |
|---|---|---|---|
| beka izandla esinqeni.  | bamba amadolo akho.  | bamba olunye unyawo.  | bamba igxalaba elingaphaya.  |
| songa iingalo zakho.  | bamba isisu sakho.  | bamba impumlo yakho.  | bamba iinzwane zakho.  |
| phakamisa iingalo zakho zombini.  | bamba intloko yakho.  | bamba amagxa akho.  | yolula ingalo yakho.  |

Igama lam ndingu

Masibhale

Ungayifumana intlama yamazinyo kulo mfanekiso?
Yifake umbala obomvu.
Dibanisa amachokoza uze ubale ukuba zingaphi izinto ozibonayo ngepenisile okanye ngekhrayoni.




# Imisiko





**Oopopayi beminwe:**
Khetha isilwanyana sibe sinye uze ubhale unobumba wokuqala wegama lakho kwisikipa saso. Bhala ke ngoku oonobumba bokuqala bamagama abahlobo bakho abane kwezinye izikipa.




**Iiphazile zamanani:**
Sika kwimigca echokoziweyo ukuze wenze amakhadi amanani afanayo. Wakugqiba tshatisa imifanekiso kunye namanani achanekileyo, okanye nenani elichanekileyo lamachokoza. Ungasebenzisa iimilo zikuncede.



**Umdlalo wokukhumbula:**
Sika amakhasi kwimigca echokoziweyo emnyama.
Tshofa amakhasi uze uwabeke phezu kwetafile ubuso bujonge phantsi. Phequla amakhasi amabini ngexesha. Ukuba ayafana ungawabeka ecaleni. Khangela ukuba ngubani oza kugqiba kuqala ukuwabeka ecaleni onke. Sebenzisa amakhasi akho okukhumbula uze udlale usinepi nomhlobo wakho.



**Izilwanyana ezenziwe ngerolo yephepha langasese:**
Khangela iirolo zamaphepha angasese ezingenanto.
Sika iziqwenga eziziingxande uze uzincamathelise kwezi rolo ukuze zigqume iityhubhu. Sika ke ngoku iintloko uzincamathelise kumphezulu weerolo. Sebenzisa izincamathelisi zezilwanyana uze uncamathelise iimbuso ezintlokweni ngokuthanda kwakho. Ncamathelisa iingalo, imilenze nomsila wesilwanyana ngasinye kwezi rolo. Ukuba uyathanda ungazizobela ezakho izilwanyana.

